# UMHLOBO UMFENE

**Umbali:** Else Rohrs And Edith Kriel

**Umzobi:** Toni de Jager

**Umxholo:** ukuba sisidalwa, nokuba nomehluko, nokugezeleka

**Iminyaka:** Yonke iminyaka

Unkosikazi Mfene wayevuya kakhulu. Wayevuya kuba kwenye yezintsuku uzakube ebambe usanaezingalweni zakhe – umntwana wakhe wokuqala! Ezine iimfene ezingabafazi sezinabo abantwana kwaye banemincili ngabo.

Ngokukhawuleza , iintsuku ezimnandi zizofika.Unkosikazi Mfene waba ngu Mama fene xa umntwana wakhe ezelwe.

UMama Mfene ubambe umntwana wakhe ngobubele ezandleni zakhe kodwa enenyembezi ezihla ngezidlele zakhe. Wayengakhali zinyembezi zovuyo. Hayi. Wayekhala kuba eziva engeloncedo kwaye esoyika. Wayengayazi ukuba athini( enze ntoni).

Umntwana wakhe oyintanda unengalo engasebenziyo kakuhle umhlambi womfene abadala wathi,"Ngaloo ngalo ingasebenziyo yalomntwana wakho izakubatyhafisa abanye.

Akangekhe akwazi ukuphumelela nokuzinonophela ( ukuzondla).

Uzakusoloko eyingxaki emhlambini. Kufuneka umshiye ehlathini atyiwe ngamarhamncwa,"

Abanye oomama abanemincili bavumelana. Kwakunye notata wabantwana watsho,"Ayikukho ukulila okulungileyo. Kukho into enye kuphela enokwenziwa."

Kufuneka enze ntoni umama mfene? Kufuneka amamele kwabanye ayekele inkwenkwana yemfene yakhe ife, okanye kufuneka azame ayifundise ukuphila ebomini? Yintoni enokulungela yena?

Umama mfene uyamthanda umntwana wakhe – akakwazi kumyekela afe.

Wacinga ukumgcina wamthiya igama elingu Dudley.Abadala nabanye oomama bamkhalala bamfulathela.Utata womntwana wathi,"ungalindeli ukuncedwa ndim."

Umama mfene wayesenza kanga ngoko kodwa ubomi bunzima ngelinye ixesha kuye noDudley.

Ezinye iimfene ezincinane zazikwazi ukubambelela ngamandla eziswini zoomama bazookanye bakhwele emiqolweni yabo.Kodw uDudley wayekwazi ukubambelela ngesandla esinye.

Ebemane esiwa umama kufuneka eme amcholengamanye amaxesha loonto ingababeka engozini.

Ezinye iimfene ezincinane zazikuthanda ukujinga zidlale emithini kodwa uDudley akakwazi ukudlala nazo ngenxa yengalo yakhe.Babesoloko bedlala ngaye bemnxwala.

Babembiza Udud okanye uDuddy oko kukuthi akhonto ulungele yona. Loonto yayimenza

ukuba azive engeyonto.Wayezimelisa ubuso bakhe ajonge kwelinye icala, esenza ingathi akakhathazekanga.

Kodwa xa abanye bengajonganga ebejonga indawo yokuzimela azilelele ngokwakhe khona.

Umama ka Dudley wayebona indlela aziva ngayo wayesoloko eluncedo kuye, kuba wayengakwazi ukudlala nezincinane iimfene,UDudley uchithe ixesha elininzi nomama wakhe nabanye abadala emhlambini, ngelixesha ezinye imfenana zidlala,wayencedisa abadala ukuqokelela ukutya.

Babemfundisa indlela ezininzi nezihlakaniphileyo nokufunda ukuzama ngesandla esinye.

Wayesazi apho kufumaneka ezona ziqhamo zinamanzi  na maqunube.

Wayesomba iingcambu ezimnandi nezikhondo.Ebetsala izinambuzane ezinencasa – waba ngoyenamzingeli wonomadukudwane. Oonomadukudwane ngabona bathandwayo barhwamzeka ukutyelwa  isidlo sasemini.

UDudley uyathanda ukohlulela ezinye iimfene ukutya.Wohlulela nonomadukudwane abancinane njenge sidlo esincinane  - kodwa basambiza uDuddy.

Umama wkhe wayesakuthi ''Iintonga namatye zingawophula amathambo, kodwa amazwi angekhe akulimaze,'' kodwa uDudley useva kabuhlungu xa abanye bemgezela.  Akakwazi kuyinceda loonto.

Kwakungekho mvula ixesha elide idlelo (ithafa) lalomile linothuli.

Iziqhamo namaqunube zaphela kudala kwaye nezinambuzane zinqabile, Kwakukho isomiso kwelo lizwe, Iimfene zanduluka( zemka) zaya kude zanwenwa(zohlukana) ,ukuyokufuna ukutya.

Nganye  nganye,iimfene ezinkulu, kwakunye nabaphathi,babesiza kuDudley ukuzokucela ukutya wayesoloko esohlula nabanye lonto anayo.

Iiveki emva kweveki ,isomiso sasinochatha. Imingxunya yamazi yayiphatse kutsha,kodwa akhomafu amvula abonakalayo.

Iimfene zazifumana kancinane ukutya zazinqina (zibhityile) zinokutyhafa  mini nemini.

Ngenye imini xa bonke babe somba befuna iizikhondo, UDudley waqaphela  inyoka ithe nca phezu kwelitye. Inombala ofana nqwa nelitye, kanye izisongile. Kodwa wayebona ukuba inyoka yayilungele ukulwa – yayizijongile iimfene ngamehlo abandayo ilwimi layo lalingena liphuma emlonyeni walo,kodwa zonke iimfene zazijongile, UDudley wayezoyika nyhani iinyoka, wayezakubaleka xa kanye u Jo esiza ebaleka phambi kwakhe, ekhwaza, "Duddy,Duddy, ndifuna isidlo sikanomadukudwane!" U Jo wayengayiboni inyoka wayezakuyinyathela, UDudley waxhuma kewangoko, Ngengalo yakhe enye eyomeleleyo waxhumela inyoka ngasentloko, waluma intamo yayo,wayibulala ngephanyazo! (ngokukhawuleza).

UJo wakhwaza zaze zonke iimfene zeza zibaleka ngokukhawuleza. Zafumana uDudley ebambe inyoka efileyo. Abazange bawakholelwe amehlo wabo. UJo wathi ku Dudley ngelizwi elikhwazayo ukuze umhlambi wonke uve,"Dudley,bendizobe ndingaboni okanye ndikhubazekile okanye ndifile undikhusele "(sindisile) mna. Uli Gorha.

Ndicela uxolo besimana sikugezela ngokuba unengalo engasebenziyo.Sikwenze intlekis kuba unomehluko kuthi, kodwa sibe zizidenge ngokujonga umphandle wakho.

Asizange zijonge ukulunga kwakho nyhanii, nobukroti. Siyakucela sixolele ,siyakucela usinike elinye ithuba."

Zonke ezinye iimfene zadlulisa izandla kathathu kuDudley . umama wakhe wancuma ngokuzingca,

Kwakunye notata wakhe wamjonga nokuzingca, Nangoku, UDudley wayeyivuyela ukunika ezinye iimfene elinye ithuba.

Ukusukela ngaloomini, akekho umntu owambiza ngo Duddy. Babembiza Tshomi kuba babemazi ukuba ngumhlobo wenene. Akukhathaliseki ukuba ukhangeleka kanjani ngaphandle , abahlobo bokwenene badlula apho.

Ekudeniimvula namafu zadibana kwaye iimfene zazisazi ukuba imvula iyeza kwaye izakuzisa ubomi obutsha empilweni. Lixesha lesiqalo kumntu wonke